



# education

---

Department:  
Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**EXEMPLAR 2008**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: 2½ IYURE**

**OLU VIWO LUNAMAPHEPHA AMA- 8.**

**IMIYALELO EYA KUBAFUNDI**

1. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule umbuzo OMNYE kwiCandelo ngalinye.
2. Icandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba iCandelo elo.
3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nolwakhiwo lwezivakalisi.
5. **UBUDE BEEMPENDULO:**

ICANDELO A: IsiNcoko – Bhala isincoko esingama-340 – 390 (iphepha elizeleyo libe nesiqingatha).

ICANDELO B: ImiHlathana emide – Bhala ama-100 – 120 amagama (umxholo kuphela).

ICANDELO C: ImiHlathana emifutshane – Bhala ama-100 – 100 amagama.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibe siNYE esiva wena kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-400 ukuya kuma-450 (iphepha libe linye libe nesiqingatha).

- 1.1 Umntu ngumntu ngeminqweno nangemibono. Bhala isincoko ngesihloko esithi, 'Amaphupha endinawo ngekamva lam'.

**[50]****OKANYE**

- 1.2 Ngokwalo mfanekiso ulandelayo kuyabonakala ukuba iyinene intetho ethi, 'Esilalayo sidla ukulala kanti esiphilayo sesithwethwayo'. Thabathela kule ntetho ibhalwe ngentla ubhale ibali eliphuhlisa oko. Sebenzisa le ntetho njengesihloko uphinde usiqukumbele kwangayo.

**[50]****OKANYE**

- 1.3 Kukhona ukungathi ncam malunga nolwahlulo lwemisebenzi kumadoda nabafazi kumakhaya ngamakhaya. Yiloo nto idala ukuba noSekela Mongameli uPumzile Mlambo Ngcuka enombuzo othi, 'Ingaba indawo yomfazi isekhithshini na kule mihla?' Bhala isincoko uzivelele zonke iinkalo ukuze kuphenduleke lo mbuzo. Sebenzisa lo mbuzo njengesihloko. [50]



[50]

**OKANYE**

- 1.4 Ukusetyenziswa kwezinyobisi kuthathe unyawo kwaye kukwaneziphumo ezihlininikisayo kweli loMzantsi Afrika. Yila isihloko ngokwalo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngezinyobisi.



[50]

**OKANYE**